

yenza ugonyo

ukuze uzikhusele kukugula okumandundu, ukulaliswa esibhedlele okanye nokude ubhubhe ngenxa ye-Covid-19.

Izitofu zivavanywe zacokiswa kumazwe ngamazwe nasekuhlaleni, kwaye kukho ubungqina bokuba zikhuselekile kwaye ziyasebenza. Ukuba uneminyaka engama-60 ubudala okanye ngaphezulu, bhalisela ugonyo ngokulandela le nkqubo ikhawulezileyo nelula:

- 1 Yiya ku-westerncape.gov.za uze ucofe kule linki yokubhalisa.
- 2 Bhala iinkcukacha zakho ezisisiseko, kuquka inombolo yakho ye-ID okanye yepaspoti.
- 3 Bonelela ngenombolo yeselfowuni, apho kuza kuthunyelwa khona nge-SMS isiqinisekiso sokubhalisa kwakho kunye neenkcukacha zokubhukisha kwixesha elizayo.
- 4 Bonisa ukuba ungathanda ukwenziwa ugonyo phi, nini.
- 5 Faka iinkcukacha zakho zemedikhali eyidi ukuba unayo – ayinamsebenzi nokuba awunayo.
- 6 Jonga ukuba zonke iinkcukacha zakho zichanekile, uze ucofe kuzingenise. Isistimu iza kuthumela i-SMS engqina ukubhalisa kwakho kule sistimu. Xa ilithuba lakho, uza kufumana i-SMS yesibini enexesha nendawo yedinga lakho. Kuza kufuneka ubabonise yona kwisayithi yogonyo, kunye ne-ID yakho.
- 7 Ukuba ufumene isitofu esingamathamo ama-2, njengesitofu sakwaPfizer, uya kunikwa umhla wedinga lokulandelela.

Ukuba uyasokola ukubhalisa okanye awunayo i-intanethi, cela ilungu losapho okanye umhlobo okanye umntu othembakeleyo wasekuhlaleni akuncede.



URhulumente
weNtshona Koloni

Thumela igama elithi **'BHALISA'** ku-**0600 123 456** ngoWhatsApp okanye dayela u-***134*832#**. Malunga nokufumana inkxaso yokubhalisa, tsalela ku-**0860 142 142**, okanye yiya ku-**www.westerncape.gov.za**